Province of the
EASTERN CAPE
EDUCATION

Iphondo leMpuma Kapa: Isebe leMfundo
Provinsie van die Oos Kaap: Department van Onderwys
Porafensie Ya Kapa Botjahabela: Lefapha la Thuto

NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

IBANGA 12

SEPTEMBA 2026

ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA P2 ISIKHOKELO SOKUMAKISHA

AMANQAKU: **80**

Esi sikhokelo sokumakisha sinamaphepha angama-31.

Thank you for choosing www.ecexams.co.za to download examination documents.

EMAKUQATSHELWE XA KUMAKISHWA

- Esi sikhokelo sokumakisha silungiselelwe ukuba ibe sisikhokelo kubakorekishi.
- Esi sikhokelo sokumakisha siza kuxoxwa nesigqeba sokukorekisha phambi kokuba kuqalwe ukukorekisha kumaziko okukorekisha.
- Iimpendulo zabaviwa kufuneka zinikwe ingqwalasela ngokokufaneleka kwazo.

IZIKHOKELO ZOKUKOREKISHA

1. Xa umviwa ebhale iimpendulo ezingaphezulu kwezilindelekileyo, makisha impendulo esekuqaleni kuphela. **(Umviwa akuvumelekanga ukuba aphendule umbuzo osisincoko nombuzo omfutshane kudidi olunye kwijenri enye.)**

2. Xa umviwa ephendule yomine imibuzo kwiCANDELO A (imibongo efundisiweyo korekisha kuphela emibini yokuqala.

3. Xa umviwa ephendule imibuzo emibini emifutshane okanye imibuzo emibini esisincoko kwiCANDELO B nakwiCANDELO C, makisha umbuzo wokuqala kuphela ungawuhoyi owesibini. Ukuba umviwa uphendule yomithathu imibuzo (kwiNoveli/kuNcwadi Lwemveli) okanye yomine imibuzo (kwiDrama), korekisha kuphela impendulo yokuqala kwiCANDELO ngalinye, xa kwenzekile ukuba uphendule umbuzo omnye omfutshane nomnye osisincoko.

4. Xa umviwa enike iimpendulo ezimbini ibe eyokuqala ingachanekanga, elandelayo ichanekile, korekisha eyokuqala **ungayihoyi** elandelayo.

5. Xa iimpendulo zinonjolwe ngokuchanekileyo, korekisha ngokwendlela ekunonjolwe ngayo kwimemorandam.

6. Xa upelo olugwenxa luguqula intsingiselo, yihlabe loo mpendulo. Xa intsingiselo ingaguqukanga ngenxa yopelo olugwenxa, yimakishe loo mpendulo.

7. *Imibuzo esisincoko*

   Xa impendulo yombuzo osisincoko imfutshane kunoko kulindelekileyo ngokwenani lamagama, musa ukumohlwaya umviwa kuba sele ezohlwaye ngokwakhe. Xa impendulo yombuzo osisincoko inde kakhulu, phicotha ngokwempendulo ayibhalileyo wandule ukuyigqithisela kumkorekishi ophezulu. Sebenzisa irubriki yokuhlola ekwisihlomelo esinguA nesinguB ukuhlola izincoko zabaviwa.

8. *Imibuzo emifutshane*

   Musa ukumohlwaya umviwa ongasebenzisanga iimpawu zocaphulo xa ecaphula.

9. **Kwimibuzo evulelekileyo,** musa ukunika amanqaku ngoHAYI/EWE okanye ngoNDIYANGQINELANA/ANDINGQINELANI. Korekisha impendulo exhasayo.

10. Akukho manqaku abelwa uYINYANI/BUBUXOKI, okanye YINYANI/LULUVO. Makisha impendulo exhasayo.

11 Iimpendulo zemibuzo emifutshane mazihlolisiswe ngokupheleleyo kwayanywe kwiingxoxo eziqhubeke ngexesha lobekomgangathweni lwesikhokelo sokukorekisha.

Thank you for choosing www.ecexams.co.za to download examination documents.

ICANDELO A: ISIHOBE

IMIHOBE YESIXHOSA – B. NGOMBANE

UMBUZO 1: (UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI)

AMANQAKU – ZS QANGULE

Sebenzisa irubrikhi esisihlomelo A.

- Sebenzisa ezi ngongoma zilandelayo, njengesikhokelo sokukorekisha lo mbuzo.
- Iimpendulo zinokwahluka ngokuxhomekeka kwindlela umfundi awuve ngayo umbongo.
- Jonga kwirubrikhi ekwiphepha lama-27 ukuhlola lo mbuzo.

Umviwa angachankcatha kwezi ngongoma zilandelayo xa ephicotha isigama esityhila ukuba iinzingo nenkxwaleko zizisa impumelelo. Sisikhokelo esi akunyanzelekanga ukuba umfundi aphendule ngolu hlobo:

- **'Ulwazi lufukame ubudenge, ubudenge yitrone yobulumko'** – ubudenge buyamnceda umntu ,utsho aziqonde ukuba akazi nto/ uphazamile/ usengxakini atsho enze amalinge wokufuna ulwazi oluza kumnceda aphume engxakini, azityeshele zonke iimpazamo ezidodobalisa impumelelo yakhe. Ulwazi aluzuzileyo lumenze abesisilumko phumelele.
- **'Iinyembezi ngumthombo wenkathalo, inkathalo ihlanjwa ziinyembezi'** – Lowo uphalaza iinyembezi sukuba enentlungu ayivayo utsho ke ngoko ayiphephe le meko ibihlungu imlilisayo. Uzuza ubulumko obutsha bokuphepha intlungu, atsho ayiphephe ngempumelela ngenxa yamava entlungu awafumeneyo.
- **'Intiyo iphuphuma luthando, uthando liyeza lentiyo'** – Intiyo kukucaphukela into ngokungazenzisiyo/ kukucaphuka okwendeleyo kodwa iveza uthando into echasene nentiyo. Luthando oluvela emva kokuqaphela intiyo anayo umntu olumsa empumelelweni. Amava entiyo akhuthaza uthando, ukuze kulunge kufuneka kubekho ethi yakususwa imse empumelelweni umntu.
- **'Ukhula lutshaba lwesivuno, isivuno sondliwa lutshaba'** – ukhula lwenza izityalo zingcokoche, luyazidlela izityalo kuthi ngenxa yokudlela kwazo izityalo kunyanzeleka lususwe ukuze zikhule, zichume kuphume isivuno esihle. Phambi kukuba kulunge kufuneka kususwe into ebingalunganga ethi yakususwa aphumelele umntu.
- **'Ukholo lulwandle lweenkolo, iinkolo sisifingo seentolo'** – Ukholo luvela kumava okungakholwa, ludalwa yinkolo nenkolelo kuloo nto akholelwa kuyo umntu. Iinkolo ezininzi zizisa ikruthakruthwano nokungcikivana kodwa injongo inye iyeyokukhonza, ukukhonza kuzisa impumelelo.
- **'Impilo yambethe ukufa, ukufa yileli yobomi'** – Ukufa yintlungu engamkelekiyo nengaqhelekiyo kodwa kufumaneka ubomi obungunaphakade emva kokufa. Umntu kunyanzelekile ukuba adlule kwintlungu ekukufa ukuze azuze ubomi obungunaphakade. Impumelelo yokonwaba naphakade ivela emva kwentlungu ekukufa.

Thank you for choosing www.ecexams.co.za to download examination documents.

- Zonke ezi zinto zikhankanywe ngasentla zizisa ubuhlungu kodwa kufuneka umntu azazi azamkele kuba zizo ezilisango elimsa empumelelweni. Kubalulekile kwaye kuyimfuneko ukuba umntu adlule entlungwini nakumanzithinzithi ukuze aphumelele.

(Nayiphi na impendulo echanekileyo.) **[10]**

Thank you for choosing www.ecexams.co.za to download examination documents.

UMBUZO 2: (UMBUZO OMFUTSHANE)

IMFECANE – J.J.R. JOLOBE

2.1 Yindimbane yentsabo amadoda nosapho. √√ (2)

2.2 Babexhalabile kuba utshaba lwalubalandela, bebalekela ukuba lungade lubafumane. √√ (2)

2.3 Ngumfanekiso ngqondweni wendlebe otyhila ukuva ngeendlebe isandi somntu osezintlungwini. √√ (2)

2.4 Ndiyangqina ukuba umxholo uyahambelana nesihloko kuba isihloko sithi 'Imfecane' kumbongo sibaliselwa ngemfuduko nentsabo eyayingexesha leMfecane. √√ (2)

2.5 Injongo kukusibalisela ngemfuduko yeembacu ezazibaleka iimfazwe/ Kuba sibaliselwa ngezizwe zamaHlubi, amaZizi noBhele ezazibaleka de zaza kuzinza kumhlaba kaPhalo kwaGcaleka√√ (2)

[10]

Thank you for choosing www.ecexams.co.za to download examination documents.

UMBUZO 3: (UMBUZO OMFUTSHANE)

OKUHLE – ZS QANGULE

3.1 Izithanda iincwadi ingenzi nomolweni/ Yayisingcutha isiLungu ingaqhelisi/ Iwadlakaza amanani njengesiNgesi. √√ (2)

3.2 Kwancipha ubuhlanti, kwaphela umzi, ixhala yayikukuphela kwemali yokufundisa bengenakubasathengisa nemfuyo. √√ (2)

3.3 Ngumfanekiso ngqondweni weliso otyhila ukuba le nkwenkwe yayinga iyayibona inxibe isidanga seBA, iphumelele. √√ (2)

3.4 Ndiyangqina ukuba umxholo uyahambelana nesihloko kuba isihloko sombongo sithi,'Okuhle' umxholo ugxile kwizenzo ezihle zenkwenkwe igqwesa de yathwala isidanga. √√

(Nayiphi na impendulo echanekileyo.) (2)

3.5 Kukusibalisela ngenkwenkwe eyayizimisele ezifundweni de yaphumelela√√/ kuba sibaliselwa ngamahlandinyuka edibene nawo le nkwenkwe kunzima kwikhaya layo nasebazalini kodwa yazimisela de yathwala isidanga. √√

(Nayiphi na impendulo echanekileyo.) (2)
[10]

OKANYE

UMBUZO 4: (UMBUZO OMFUTSHANE)

MHELA MFONDINI – GV MONA

4.1 Kwelakowethu ukuzuma lityala. √√ (2)

4.2 Imbongi/inkwenkwe inexhala lokubethwa iwile, kungoko kufuneka ixele ukuba mayilindwe kuba ingabethwa noba sele iwile xa ingatshongo. √√ (2)

4.3 Ngumfanekiso ngqondweni weliso otyhila ukuba unga uyalubona ulwimi luphumele ngaphandle ngenxa yokudinwa. √√ (2)

4.4 Ndiyangqina ukuba umxholo uyahambelana nesihloko kuba isihloko sithi, 'Mhela mfondini'√ ukanti umxholo wombongo ungomgaqo wokulindana oqaqambe kulo mdlalo weentonga. √√ (2)

4.5 Imbongi isichazela ngomdlalo weentonga wamakhwenkwe√kuba sibaliselwa ngemigaqo elandelwa xa kudlalwa lo weentonga. √√ (2)
[10]

Thank you for choosing www.ecexams.co.za to download examination documents.

UMBONGO ESINGAFUNDISWANGA (KUNYANZELEKILE UKUBA UWUPHENDULE)

UMBUZO 5: (UMBUZO OMFUTSHANE)

IMFUNDO – Z KUPE

5.1 Luphindaphindo lwegama √ sigxininisa okanye sibethelela uluvo lokubaluleka kwemfundo kubantu abamnyama. √ (2)

5.2 Ngaphandle kwayo asinto yanto mawethu. √√ (2)

5.3 Ibethelela uluvo lokubaluleka kwemfundo ebomini babantu √√
(Nayiphi impendulo echanekileyo iyakwamkeleka) (2)

5.4 Uqaqambisa ukuba umntu ofundileyo luninzi ulwazi analo/ uyakwazi ukusebenzisa ingqondo ngokufanelekileyo. √√ (2)

5.5 Ngowokuba masiyazi imfundo ukuba ibalulekile kwaye isisixhobo esisa umntu empumelelweni. √√ siyazi intliziyo ukuba imbolombini, inecala elihle necala elibi ukuze singothuki kakhulu sikwazi ukumelana neemeko ezahlukeneyo zentliziyo. √√

(Nayiphi na impendulo echanekileyo iyakwamkeleka.) (2)
[10]

AMANQAKU ECANDELO A: 30

Thank you for choosing www.ecexams.co.za to download examination documents.

ICANDELO B: INOVELI/UNCWADI LWEMVELI

UMBUZO 6: (UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI)

INKAWU IDLIW' ILILA – S KULA

- Apha ngezantsi sisikhokelo sokuphendula esi sincoko, sisebenzise njengesikhokelo kuphela.
- Mazamkelwe iimpendulo ezahlukileyo nezichanekileyo ezibonisa ubungqina bokucinga nzulu nokutolika ngendlela eyahlukileyo.
- Uluhlu lwemizekelo lunokusetyenziswa ukuxhasa izimvo zabaviwa.
- Jonga kwirubriki ukuhlola lo mbuzo. Umfundi angachankcatha kwezi ngongoma zilandelayo:

Umfundi makachankcathe kwezi ngongoma zilandelayo:

- UMfuneko ulandela igama lakhe ngokuthi asoloko efuneka okanye efumaneka kwiziganeko zolwaphulo mthetho apha ebalini nangona esebenza umsebenzi wobupolisa ebekumele ukuba uchasene nolwaphulomthetho.
- Le noveli ivula ngesiganeko esihlasimlisa umzimba sokubulawa kukaSomashishini odumileyo waseGcuwa, uMsindisi Yangaphi. Ivula nje sityhilelwa uMfuneko ofowunelwa nguThantaswa emxelela ngokuqosheliswa komsebenzi wokubulala owenziwe ngempumelelo ngabafana ebebebasingathise wona. Unika uMfuneko umyalelo wokuba makasebenze njengepolisa. Endaweni yokukhusela uluntu uMfuneko uqhogana noThantaswa kwiyelenqe lokubulala.
- Kuqapheleka ukuba ulwaphulo-mthetho kule noveli lunkcenkceshelwa lukhuliswe zizenzo zokunyolukela imali ngaphezu kokuxabisa ubomi babantu. UMfuneko usondela kuThantaswa obemnyengezile esithi umsenga imali, waya kwezinye iilokhwe. Akubona ukuba ukuba wendele kwisinhanha, uzama ukusondela. Uncamathela ngakumbi akuva ukuba imeko yomtshato kaThantaswa iyekeyeke, azenze oyimvuzemvuze luthando.
- Baqulunqa iyelenqe lokubulala umyeni kaThantaswa noThantaswa, uzenza ungqondongqondo oza kulwenza luphelel' eMoyeni uphando, bangabhaqeki ababulali. Imfaka amavili into yokuva ukuba ilifa likaMsindisi liza kufunyanwa nguThantaswa yedwa alitye naye. Le nto imvuzisa izinkcwe de aveze imfihlelo yokuba nelikaChizama, walenza laphelela emoyeni, wasinda uNompumelelo owayembulele.
- UMfuneko uba imipu estoreni samapolisa ze adyobh' amafutha uZalala engatyanga nyama, athumele ooSixaki ukuba babulale uMsindisi ngethemba lokurhwaphilizela kuye uphando lwetyala, kanti amawabo aza kumsingela kungenzeki ngokweminqweno yakhe.
- Ityala lokugwintwa kukasomashishini owaziwayo ogama linguMsindisi Yangaphi eligacelwe nguMfuneko Mnenga liwela kuMapheza, olilalela, abayinyoka nesele naye.
- UMfuneko ulilalele eli lityala kuba efuna ukugquka umkhondo njengoko wayekhe wenza njalo kwelomyeni kaNompumelelo, uChizama.
- Luqala nje uphando uMfuneko uba ngumqobo ubonakalisa ukusebenzisana noThantaswa osisaphulimthetho ngokuthi amtsalele umnxeba amxelele ukuba amapolisa asendleleni.

Thank you for choosing www.ecexams.co.za to download examination documents.

- UMfuneko uyayiqonda akuzi kuba lula ukuba azi ngamanyathelo athathwa nguMfezeko uthenga uNqoza ukuba ancedisane noMfezeko ukuze amazise onke amanyathelo abawathathayo yena noMfezeko ngolu phando.
- UMfuneko noThantaswa bagqiba kwelokuba makafe uMfezeko kuba kakade inkawu idliw' ilila.
- Isipolisa sixoxa ngeli tyala, uMfuneko usithela amanzi ngelithi ixhaphakile into yokuba umfazi abekwe ityala xa kusweleke indoda yakhe, ude athi ababulalali ngabantu abangathunywanga mntu zizikrelemnqa nje de agqibele ngokuthi uMsindisi ubulewe ngabantu ebebefuna imoto yakhe.
- UMapheza uthi indlela edlakazwe ngayo imoto kaMsindisi ibonisa ukuba ababulali bebengafuni zinto zakhe koko bebefuna yena.
- UMfuneko woyikisa uMapheza ngelithi kufanele achule ukunyathela ngenxa yohlobo lwetyala aliphandayo, uMapheza uyafunga uthi "umqolo uphandle kwezo zikrelemnqa kwaye ukuba zisahamba phakathi kwabantu azilibonanga eliwinayo, uMfuneko uyabona ukuba uMfezeko akazimiselanga kubuya mva kuphando lwakhe.
- Ungcolisa uMapheza kuNqoza uthi nguye owantama uSajini Zalala owagxothwayo kuba etyholwa ngokuba imipu, mipu leyo eyayibiwe nguye uMfuneko, ude amthiye athi lirhamba elirhubuluzayo ekufanele ahambele kude naye amanye amapolisa.
- UNqoza ubonakalisa ukuvumelana noMfuneko kule mbono yokuba ngumqobo kolu phando ude athi akayi kufumana mixhaka ngenxa yakhe.
- UMfuneko ufumana ikroba lokumsebenzisa ngakumbi uNqoza ngokuthi maze adlulise konke okufunyenwe nguMfezeko eluphandweni kuye, lilonke abe nguKhala wakhe.
- Xa uMapheza enezinto azikrokrelayo, wenza nantoni na uNqoza enokwenza ukuba angaqhubeleki uMapheza.
- UNqoza uyigalela amanzi into yokungahambelani kwentetho kunye nexesha afowune ngalo uThantaswa elingahambelani nexesha lokwenzeka kwesiganeko.
- UMapheza ingqondo yakhe ayisuki ekubeni umfazi kaMsindisi unayo into ayaziyo ngokufa komyeni wakhe.
- UNqoza ukayekanga ukumana esazisa uMfuneko ngeziphumo zophando.
- UThantaswa ude abuze ukuba kanti lo Mapheza ufa nini. UMfuneko ucinga ngexhwele lakhe uNyangelethu ukuba lingamncedisa ukususa uMapheza endleleni yabo, lo xa yena uThantaswa eyibona izolibazisa leyo yena emfuna ngembumbulu emehlweni.
- UMfuneko uya exhweleni unikwa umgubo, usebenzisa uNqoza ukuba awugalele esiselweni sikaMfezeko kwi after-tears, aphathwe sisisu segazi uMfezeko esiyokumgalela esibhedlele.
- UMfuneko umana ukufowunela uZintle esibhedlele ebuza ngoMfezeko.
- Akuva ukuba uchacha kuhle esibhedlele uMfezeko, uyelenqa ukumba esibhedlele amse kuNyangelethu ngenjongo yokuba amtshise nguvutha libhange nelo icebo.
- Esesibhedlele njalo uMfezeko, ooSixaki bangena endlwini kaMfezeko bayagoqulula bafuna nantoni na enokuphazamisa kolu phando bawe phantsi.

Thank you for choosing www.ecexams.co.za to download examination documents.

- Bayamba esibhedlele ngobusuku bamsa exhweleni, baviwe ngumkhwetha kaSiphongo ogama linguNontsikelelo bethetha ngokumtshisa. Neli libhanga ngokuthi uNontsikelelo amlumkise uMapheza ngokuza kwenzeka abaleke asinde uMapheza. Ngelishwa kutsha unyana kaNyangelethu othe ngokunxila wangena kuloo mkhukhu ubulungiselelwe ukutshisa uMapheza.
- UMfuneko uhambisa iindaba ezingeyonyani zokusweleka uMapheza esipoliseni, amapolisa ayafika kwaMapheza axelelwa ukuba uMapheza uyaphila atyhilwe uMfuneko.
- Ubuyela emsebenzini uMapheza, uMfuneko noNqoza bayanqunyanyiswa emsebenzini.
- UMapheza uyaliphanda ityala likaMsindisi ngaphandle kweziphazamiso abafumane ababulali ngokuxelelwa nguBhanqo noMbuzeli emva kokubathembisa nangamabhaso ancumisayo.
- Bayagwetywa ababulali bakaMsindisi emva kokuloqa yonke into.
- UNqoza noZalala bayabona ukuba uMapheza khange enze bubi koko nguMfuneko.
- Ukunganyaniseki kukaMfuneko emsebenzini wakhe kuphenjelelwe kukunyolukela imali. Uyabhenceka njengexoki, imenemene nombulali ze loo nto ithobe isidima sakhe, avele njengepolisa elilwa nomthetho, aphelelwe ngumsebenzi. Akutshelwa zizicheku uThantaswa abone ukuba balindelwe yintolongo kuphela nomhlobo noMfuneko, ukhetha ukumbulala azibulale naye.

(Nayiphi na impendulo echanekileyo.) **[25]**

Thank you for choosing www.ecexams.co.za to download examination documents.

UMBUZO 7: (UMBUZO OMFUTSHANE)

INKAWU IDLIW' ILILA – S. KULA

7.1 Lo mfo uyasilwa, √ ngoku ke nathi kufuneka simlwe nganxa zonke. √ (2)

7.2 UMfezeko akakufuni ukusebenzisana noMfuneko kuba yena uMfezeko uphanda ityala lokubulawa kukaMsindisi, uMfuneko noNqoza bangumqobo kweli tyala liphandwayo/ uMfuneko uyachaphazeleka ekubulaweni kukaMsindisi. √√

(Nayiphi impendulo echanekileyo.) (2)

7.3 Kukumpimpa uZalala kuba esithi weba imipu √√ / umpimpe uNqoza ngokuthi uze emsebenzini enxilile. (2)

7.4 Kufuneka bangabonwa kwimizamo yabo yokuzama ukubulala uMapheza kuba bedukisa umkhondo. √√ (2)

7.5 UMfuneko ebefuna kufe uMapheza kodwa akafanga uMapheza koko kusuke kwafa yena Mfuneko. √√ (2)

7.6 Bamgalelele ityhefu emngcwabeni kaHlomla √ / Baye kugqogqa umpu kwindlu kaMapheza, befuna umpu kaMapheza √ / Bamtyise ityhefu akafa uMfezeko √ Bamthumele kwaSiphongo kuvutha, akafa. √

(Nasiphi isibini kwezi.) (2)

7.7 Kukuba uNqoza unomsindo wokuba uMfuneko uthi uMfezeko ubampimpa kubaphathi xa bephambuka njengaye kuba wampintshwa ngokuphangela enxilile. √√ (2)

7.8 Kubhaqwe ukuba uThantaswa noMdlambila benze ubuqhopholo ngokutshintsha umhla kwilifa likaMsindisi elalibhaliswe ngonyana wakhe. √√

(Nayiphi impendulo echanekileyo.) (2)

7.9 UMfuneko akangeni ndawo koko uyazifaka kuba enegalelo ekudukiseni umkhondo wokuba ngooSixaki ababulele uMsindisi √√/ ephazamisa umthetho ngokuvikela uThantaswa ukuba angabanjwa √√/ kuba ethandana noThantaswa kwaye enegalelo ekubulaweni kukaMsindisi uzibona kufanelekile ukuba naye afumane kwilifa likaMsindisi. √√

(Nayiphi impendulo echanekileyo.) (2)

7.10 Ngoweliso √ (1)

7.11 Akakholelwa ukuba ngenene ilifa likaMsindisi liyabaphuncuka. √√ / Uyayiqonda into yokuba kungenzeka ukuba uMsindisi nguye oxaba endleleni yabo yokuba bafumane ilifa. √√

(Nayiphi impendulo echanekileyo.) (2)

7.12 Ndiyangqina kuba uMfuneko unegalelo ekubulaweni kukaMsindisi naye uphela ebulawa nguThantaswa amsebenzelayo ukugquka umkhondo wokuba bayachaphazeleka. √√ (2)

Thank you for choosing www.ecexams.co.za to download examination documents.

7.13 Ndifunde ukuba akulunganga ukunyolukela imali yelifa lenye indoda kuba uMfuneko nguye ngoku oveza namacebo okuba uThantaswa makaye engcwabeni likaYangaphi athethe naye ehlise ingqumbo nomsindo. √√

(Nayiphi impendulo echanekileyo.) (2)
[25]

UMBUZO 8: (UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI)

NYANA WAM! NYANA WAM! – WK TAMSANQA

- Apha ngezantsi sisikhokelo sokuphendula esi sincoko, sisebenzise njengesikhokelo kuphela.
- Mazamkelwe iimpendulo ezahlukileyo nezichanekileyo ezibonisa ubungqina bokucinga nzulu nokutolika ngendlela eyahlukileyo.
- Uluhlu lwemizekelo lunokusetyenziswa ukuxhasa izimvo zabo.
- Jonga kwirubrikhi ekwiphepha lama-29 ukuhlola lo mbuzo.

Umfundi makachankcathe kwezi ngongoma zilandelayo:

- Kwasekuqaleni kule ncwadi sidibana noThole sele ephumelele enguchwenene womfundisi osel'efunde de wayityekeza. Ukuze uThole abe ufikelele kweli nqanaba akulo lempumelelo ibe yimigudu namahla-ndinyuka ngenxa yemiqobo nemingeni athe wahlangana nayo.
- Ubomi bakhe ubuqala ngendlela engathembisiyo kuba uthe emva kokuyeka isikolo kuba abazali bakhe bengakwazi ukumelana neemfuno zesikolo ezinjengeemali ezihlawulwayo neyunifom waphala elizweni engenasizinzo.
- Xa efika evela eRhawutini udibana nabahlobo bakhe uThemba noSonwabo abaphila ubomi obungenanjongo zakuphumelela ebomini babo.
- Uzibona sele eseBhayi uThole ngenxa yeempembelelo zaba bahlobo bakhe phofu engazazi nokuba uye njani. Isizathu soku kukuba aba bahlobo bakhe bamkhwelise emotweni ebheka eBhayi baze bamntyintya ngotywala nto leyo wayengazange wayenza ebomini bakhe.
- Kwelo laseBhayi uThole uzama ukuzenzela ubomi ngokuthi azifunele umsebenzi. Kwakhona kwalapho eBhayi uthi athandane nentombi egama linguNomsa adibene nayo edolophini. Uzibona sele esengxakini yokuphantsa ukubulawa ngumgulukudu onguJoe neqela lakhe. Lo Joe wayethandana noNomsa.
- Uthabatha isigqibo sokuba agoduke nanjengoko wayehambe ekhaya engaxelanga ngenxa yaba bahlobo bakhe bangamatshijolo. Endleleni egodukayo uphinde adibane noThemba noSonwabo, kwakhona bamkhukulisa baya kumlahla kumahlathi aseKnysna engazi kuba babesithi bayagoduka babheka eGcuwa.
- Kuloo mahlathi abahlobo bakhe bathi baqwengwa ziingonyama kwasala iintloko zodwa, uThole yena usinda ngezikaSibi apho. Nalapho eKnysna uzakhela ubomi ngokuthi azenze igqirha. Uphetha sele ephila ubomi obungcono eKnysna kuba wabanemali nemfuyo.
- Iimeko ngeemeko zamenza wafikelela kwisigqibo sokuba agoduke ngeenjongo zokuphindela esikolweni kuba wayesazi ukuba imfundo sisitshixo sokuvula kumahla-ndinyuka obu bomi. Ngoku sele egodukile akukho mntu unathemba lokuba angaze afunde kuba ubonakala emdala engenayo nemali eyaneleyo yokuya kula maziko emfundo ephakamileyo athe waya kuwo.

Thank you for choosing www.ecexams.co.za to download examination documents.

- Uyise owamkhulisayo uFikizolo yena wayesele eyincamile into enxulumene naye nesikolo sele efuna ukumzekela umfazi. Oku kungqinwa ngamazwi akhe athi, ‘uya kuthemba xa efumana incwadi evela kuThole esesikolweni eDikeni’.
- Ngesizathu sokuzibalula kwakhe kwiingxoxo-mpikiswano wachongwa ukuba abe ngumfundi oya kumela isikolo sakhe kwiYunivesithi yaseKapa. Wagqwesa apho waze wonyulwa ukuba aye kumela uMzantsi Afrika kwingqungquthela eyayiseNgilane, waphiwa nesipho-mali sokuba aqhubele phambili nezifundo zakhe ngabafundi baseUCT.
- Wafika wagqwesa nalapho eNgilane waphetha sele ebuya ezilahlele kakhulu kwezakwaLizwi. Kulapho wathi wafumana inkxaso-mali yokuqhubela phambili nokufunda ezakwaLizwi. UMangaliso wafunda kwaNokholeji de waphumelela isidanga seB.A kwezakwaLizwi. Ukufumana kwakhe isipho-mali kwenza ukuba akwazi ukuqhubela phambili nezifundo zakhe phesheya kweelwandle. Waphumelela emagqabini de waba naso nesidanga seMaster of Divinity kunye nesePHD, zozibini ezifumana eOxford University eNgilane.
- Ayikhange ilindeleke into yokuba uThole angaphetha sele engumfundisi ophethe esoyisa neengxaki zaseGeorge Goch ndawo leyo yayidume ngokweyelisela abefundisi kwiziyolo notywala. Ukutshata nokuthandana kwakhe noThozama kube negalelo kwimpumelelo yakhe. Kwimpumelelo yakhe eGeorge Goch udibana noyise ubaw'uMkwayi engalindelanga nawayengasenathemba lokuba uya kuze aphinde ambone.
- Ugoduka sele ephumelele uThole, uhlala eMission eGcuwa nenkosikazi yakhe. Unyana wakhe uThembelani uhlala noyisemkhulu noninakhulu kuCentane kuHolela.
- Elokuphetha singathi uThole uthubeleze kwiimeko ezihlininikisayo, kukho imiqobo ebidodobalisa impumelelo yakhe kodwa ngenxa yethemba nokholo ude waya kufika kwincochoyi yentaba, waphumelela, wayimbangambanga yomfundisi onosapho oluzinzileyo.
- UMangaliso uthubeleze kwizilingo ezinjengooThemba noSonwabo, uNomsa noJoe, uxinzelelo lwaseKnysna ezenze igqirha, wanyaniseka de wayimbangambanga yomfundisi.

(Nayiphi impendulo echanekileyo.) **[25]**

Thank you for choosing www.ecexams.co.za to download examination documents.

UMBUZO 9: (UMBUZO OMFUTSHANE)

NYANA WAM! NYANA WAM! – WK TAMSANQA

9.1 “Imfundo ayizanga yanamntu mdala, ngaphezulu ndicinga ukuba ndim oyena mntu oya kufunda into eyiyo kuba sendikhe ndabethwa lilizwe, ndilazi ixabiso lemfundo.” √ (1)

9.2 Ewe, waphindela esikolweni kuba wabuya ephumelele isidanga sobugqirha. √√ (2)

9.3 Lelokuba uMangaliso makangaphindeli esikolweni kuba emdala makazeke umfazi. √√ (2)

9.4 UMangaliso ushiye isikolo waya eRhawutini, izinto azamlungela wabuya √ / endleleni ebuyela kokwabo wathathwa ngooThemba waya eBhayi, √ / ubuya evela kuzenza igqirha eKnysna, iminyaka yakhe ihambile. √ (2)

9.5 Wayibopha yancinci uMangaliso esinga eDikeni njengoko izikolo zazivulwa kwiveki yesithathu. √ / Akufika eDikeni kukubhalela uFikizolo emxelela ukuba uhambe kakuhle kwakunye noThozama emxelela ukuba Usesikolweni. √ (2)

9.6 Wayeqinisekile ukuba uMangaliso akanawuba safunda suke wafunda wagqwesa nakwizifundo zakhe. √√ (2)

9.7 Ufike esikolweni wazimisela wagqwesa ezifundweni zakhe √√/ wagqwesa kwingxoxo-mpikiswano de waya kumela uMzantsi Afrika phesheya √√/ Wagqwesa kubunkokheli, wanguSihlalo weSCA √ Waqaqamba kwicala lenkolo yobuKrestu de wazinikela ukuba ajoyine ubufundisi. √√

(Nasiphi isibini kwezi.) (2)

9.8 Ndiyangqina, uMangaliso wakwazi ukukhusela isifungo sakhe kuba waphetha esisiwa eGeorge Goch njengomfundisi ophume izandla. √√

(Nayiphi impendulo echanekileyo iyakwamkeleka.) (2)

9.9 Umfundisi othunyelwe khona uyeyela kwiziyolo zakhona, aphulukane nobizo lwakhe lobufundisi. √√ (2)

9.10 Afezekisekile kuba uMangaliso washumayela baguquka abantu, bazishiya iziyolo bakhonza uThixo ngokuzinikela okukhulu. √√ (2)

9.11 Ibe sisiphelo esilindelekileyo kuba ukubuya kwakhe eKnysna umbhali umzobe wangumlinganiswa osicaba walunga waphumelela okokoko. √√ (2)

9.12 Ndiyangqina ukuba sisiyolisi kuba isiqalo sebali uThole uthubeleza kwimiceli-mngeni yobutsha de ohlulwe mpela kubahlobo bakhe ngumbhali ngesiganeko sokuqwengwa kwabo ziingonyama, emva koko ikamva lakhe lithambekela kwimpumelelo yodwa, liphela ibali onwabile, edibene nosapho lwakhe lonke, ehlalisene ngokonwaba nalo. √√

(Nayiphi impendulo echanekileyo iyakwamkeleka) (2)

Thank you for choosing www.ecexams.co.za to download examination documents.

9.13 Ndifunde ukuba umntu ungabomdelela ungayazi imfihlelo yamandla akhe kuba uThole kucingwe ukuba akasayi kulunga eGeorge Goch kanti ngoyena uthunyelwe ukulungisa iGeorge Goch. √√ (2)

[25]

OKANYE

Thank you for choosing www.ecexams.co.za to download examination documents.

UMBUZO 10: (UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI)

UKHOZI OLUMAPHIKO – N. SAULE

- Apha ngezantsi sisikhokelo sokuphendula esi sincoko, sisebenzise njengesikhokelo kuphela.
- Mazamkelwe iimpendulo ezahlukileyo nezichanekileyo ezibonisa ubungqina bokucinga nzulu nokutolika ngendlela eyahlukileyo.
- Uluhlu lwemizekelo linokusetyenziswa ukuxhasa izimvo zabo.
- Jonga kwirubrikhi ekwiphepha lama-29.

Umvavanywa makachankcathe kwezi ngongoma zilandelayo ukubonisa imigudu nemiqobo athubeleze kuyo uMfazwe ukuya kufika empumelelweni yakhe.

- Imiqobo adibene nayo uMfazwe ayikhange imthibaze ekufezekiseni amaphupha akhe. Uzamile kunzima, wanyaniseka wayilwa ingcinezelo engafihlisi kwada kwafika inkxolazwe ebeyilwela. Owona mqobo endleleni yakhe nguRhulumente wengcinezelo osandla sakhe yayingamapolisa, amajoni kunye neempimpi.
- Uyafunda ade abe ngutitshala wezembali, khondo elo ebengafuni lona kodwa ngenxa yemeko yezopolitiko wanyanzeleka. Oku kumnike ithuba lokuvuleka kwezopolitiko. Ulwazi analo luyamtshisa, uphokozela wonke akufutshane naye, eklasini urhabulisa abafundi, kwigumbi lootitshala urhabulisa oogxa bakhe ukanti nasekuhlaleni akabayekanga abahlali.
- UMfazwe uzibona ebanjwa kuba kusithiwa unyola umbuso esweni ngeemfundiso zakhe de wavalelwa. Emva kokungcungcuthekiswa ngeendlela ezahlukeneyo uyacelwa ngamapolisa ukuba abe ngungcothoza, akavumi. Ukhonjwa kubunewunewu obuphilwa ngooFriday, Ndlela noNtsipho njengendlela anokuphila ngayo ukuba angasamkela esi sicelo. Wazixelela ukuba angekhe athengise ngegazi labantu bakokwabo.
- Uyakhululwa ekuvalelweni ufika litshe liluthuthu ikhaya lakhe. Ufika amapolisa sel' etyale umoya wokuba uyimpimpi. UGaba noCwe xa edibana nabo bamganga ngolu lwimi aphela emqaleni kuye ngesi sityholo afika esibekwa ekuhlaleni. Kwiindibano zoluntu akamkeleki.
- Emva kokuthetha noCwe uya kwintlanganiso eseholweni apho wasinda ngezikaSibi bemthuka bembetha abantu ngokufunzwa nguFriday enye yeempimpi zikaRhulumente.
- Xa etyekezwa ngabantu ngolu hlobo ubalekela emangcwabeni nawo phofu angawathembanga ukuba akangevuki amjikele. Intliziyo yakhe ibuhlungu kuba ebukulwa ngabantu ahlala nabo bambi benjengezihlobo kuye. Iyamkhathaza le nto, ngakumbi xa ecinga ukuya kokwabo.
- Akaphelelanga apho ekumgxothiseni uFriday uye wahlala kwizithende zikaMfazwe enamahlakani akhe. Sibona kwaGaba elala kwimoto endala. Bayafika uFriday neqela lakhe sebejolise imikhono yekati, ngethamsanqa wabe sele ephumile kuloo moto, ekhethe ukubalekela eSihlahleni kwamalume wakhe, engqondweni efuna eyona nto uFriday amzungulela yona.

Thank you for choosing www.ecexams.co.za to download examination documents.

- Kwincoko yakhe noGaba uve ukuba amapolisa abulele abantwana besikolo. Wazimisela ukuba ngenene uyaya emingcwabeni yabo nangona abantu bakuQaka bemjonga ngeliso lobumpimpi. Siyiva loo nto utat'omncinci kaMachule xa ethetha ukuba kungenxa yale mpimpi ukuze babe bakwazile ukungcwaba ooMachule.
- Emva komngcwabo simbona uMfazwe ecetyiswa nguSiphiwo omde noSiphiwo omfutshane ukuba abaleke xa kucaca ukuba ufunwa ngamehlo abomvu. Ubalekela kwaMfundisi uHlathi ngelokuzisindisa. Apho kwakhona uyajikelezwa nguFriday namahlakani akhe, akukho ukonwaba kuye. Endleleni ezincamayo esiya kujongana ngqo noFriday uphazanyiswa yincwina ephuma emotweni eyiCressida. Uthe efuna ukunceda wabona umngcipheko anokuba uzifaka kuwo wakhetha ukuphindela kwaMfundisi uHlathi.
- Uyabhaca ngokunyanzelwa nguMfundisi uHlathi ngokubona ukuba izihlangu zakhe ezinqongo ligazi zingamfaka engxakini ngokungathi nguye obulele abo bantu. Enye into kuyanyanzeleka ukuba uFriday neli tyholo asithele ngalo bangayekwa nje ukuze abantu bakhululeke kwingcinezelo.
- Endleleni eya elubhacweni zininzi izinto eziyimiqobo kwindlela yakhe. Amapolisa akayenga ukumkhangela ade abe uyatsiba kuloliwe ngobusuku akhethe ukuhamba ngeenyawo. Uyalunyukiswa ngumzingeli ngelithi le ndawo ahamba kuyo ngummandla kafayayo kunjalo nje abasindi abantu kuyo. Ngenxa yoncedo alufumane kumzingeli uMfazwe ukwazile ukumelana namapolisa ayemthelekisa noogxa babo kuloo ndlela iya kujoyina iNtsimb'ebomvu.
- Ngobukrelekrele bengqondo yakhe uMfazwe ukwazile ukubonisa amaqabane ukuba akayiyo impimpi. Uyanyulwa abe kwiqela lokumela uMzantsi Afrika kwisithebe sengxoxo eRhawutini. Ubuya apho uFriday sele eneqela lakhe lopolitiko kodwa uFriday kuyafunyaniswa ukuba unenxaxheba ayidlalileyo ekubulaweni kwabantu. UMfazwe ngoku seyinguye ochophele elo tyala likaFriday njengejaji. Kube yimpumelelo ukukhulula isizwe sabaNtsundu kwingcinezelo yamaBhulu. Satsho sabuya isidima somntu oMnyama.
- Oku kuphumelela kwakhe kungqina ukuba ngokwenene ukunyaniseka nokuzimela, ungathengi buso bamntu kukutyhalela kwimpumelelo kuba naku uMfazwe ephumelele noxa imiqobo ebibekwa endleleni yakhe bekungekho lula ukuyisusa.

(Nayiphi na impendulo echanekileyo.) **[25]**

OKANYE

UMBUZO 11: (UMBUZO OMFUTSHANE)

UKHOZI OLUMAPHIKO – N. SAULE

11.1 UMfazwe wayefundisa ngokulwelwa kwenkululeko yamazwe ngamazwe aseAfrika. √ (1)

11.2 Utyholwa ngokuba ungungcothoza, ungcothozela urhulumente wengcinezelo. √√ (2)

Thank you for choosing www.ecexams.co.za to download examination documents.

11.3 Akanasizi ngabantu abangezompimpi zawo ayabangcungcuthekisa √ / Abantu abavisa iintlungu ayabakhohlakalela njengoMfazwe lo wayengqutyekiswa emveni weveni √/ Akananimba ahlalisa abantu nezinja emveni weveni abangqavulise ngezinja √/ abangcuncguthekisa de ababulale abantu √/ Alutshaba lamathandazwe afuna iimpimpi zokuwathuthela iindaba ukuze andlandlathekise abulale abo bavula imilomo bethetha iinyaniso √/ akazihoyanga iimvakalelo zabanye abantu ayakonwabela de ayihleke imeko ebuhlungu umntu akuyo. √ Ababetha ngokungenalusini abantu xa ebabamba. √

(Nayiphi impendulo echanekileyo.) (2)

11.4 uMfazwe ugungxwe intloko ngengxowa enuka umchamo. √√ (2)

11.5 Kwakulindeleke ukuba ayakonwaba amapolisa ubomi babo bonke kuba ilizwe loMzantsi Afrika lalisentendeni yesandla sabo kodwa amazinyo aziinyanda yaphela intsini baphumelela ooMfazwe kumzabalazo wokulwela inkululeko, akabinabantu bakubangcungcuthekisa. √√ (2)

11.6 Abavukeli mbuso balwa ngempumelelo inkululeko yafumaneka UMfazwe ababemngcungcuthekisa ubuya elubhacweni eyijaji. √√ (2)

11.7 Ngokwasebalini amapolisa ayekonwabela kakhulu ukungcungcuthekisa abo bachasana nabo, bebabulala naseJele. √√ (2)

11.8 Bulomelezile kuba ulishiyile ilizwe lakhe lokuzalwa wabhaca, walwa ngempumelelo, wabuya sele eyijaji kwityala likaFriday. √√ (2)

11.9 Ukumjonga angayeki/ umtsalane ongenambaliso. √ (2)

11.10 UMfazwe yamenzela umsindo into yokufika eholweni, eQaka uNokuzola ehleli kuFriday waza akazifunda iileta zakhe nonina ngenxa yomsindo loo nto yakhokelela ekubeni angazazi ukuba umshiye ekhulelwe uNokuzola, akabinabudlelwane nonyana wakhe, umothuka ngolu suku ambona ngalo. √√ (2)

11.11 Isiphelo sikaMfazwe ibe sisiphelo esingalindelekanga kuba ngenxa yendlela awayesinda cebetshu ngayo wayesemngciphekweni wokufela elubhacweni. √√

OKANYE

Ndicinga ukuba sisiphelo ebesilindelekile kuba wayetyholwa ngokungcothozela urhulumente ekubeni wayenyanisekile ekulweleni inkululeko ngoko ke besilindele ukuba aphumelele, ivele eyona nyaniso yokuba ngooFriday oongcothoza bokwenene. √√ (2)

11.12 Ndiyangqina ukuba yintlekele-siyolisi kuba ivula ngendyikityha yokufa kodwa uMfazwe oliqhawe lethu liphela ibali ephumelele eyijaji, isidima sakhe ebesihluthwe ngabacinezeli sibuyele kuye, enaye nonyana onguZubuye. √√ (2)

11.13 Ndifunde ukuba kubalulekile ukuyimela inyaniso ungajiki nokuba sekunzima kuba inyaniso iyakhulula. √√

(Nayiphi na impendulo echanekileyo.) (2)

[25]

Thank you for choosing www.ecexams.co.za to download examination documents.

OKANYE

UMBUZO 12: (UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI)

UBUNCWANE BONCWADI LWEMVELI – MMI SWANA NABANYE

- Apha ngezantsi sisikhokelo sokuphendula esi sincoko, sisebenzise njengesikhokelo kuphela.
- Mazamkelwe iimpendulo ezahlukileyo ezibonisa ubungqina bokucinga nzulu nokutolika ngendlela eyahlukileyo.
- Uluhlu lwemizekelo lunokusetyenziswa ukuxhasa izimvo zabo.
- Jonga kwirubrikhi ukuhlola lo mbuzo.

Umviwa uya kuchankcatha kwezi ngongoma zilandelayo xa etyhila ukunganyaniseki okumqobo kwimpumelelo nokunyaniseka ukuphumelelisa imizamo yomlinganiswa; UDyakalashe akaphumeli kwinzame zakhe zokufumana isabelo esibhetele kunesabanye abalinganiswa.

- UDyakalashe udalwe wanesiphiwo samaqhinga, unenkohlakalo, akabuxabisi ubuhlobo, iyamchulumancisa into yokuvisa abanye abalinganiswa bengcungcutheka, besentlungwini.
- Ubuqhopholo bukaDyakalashe buyavela xa acebisa abanye abalinganiswa ukuba baphathe utshongo abe yena ezophatha izinto ezimnandi. Xa kuqhalwa utshongo ebebayalele ngalo abanye, yena uqhala izinto ezimnandi abenesindululo esithi, akucelwana. Uyaphumelela okwexeshana kweli linge.
- Ubonisa ubuqhopholo ngokuba azazi ukuba uza kugula xa befikile ze uMvolofu aze kumkhelela igqabi elithile abalibone kwindlela eya ebukhweni. Ukunganyaniseki kwakhe kuphuhla xa ethumela uMvolofu kwakubuyiswa izinto ezimnandi zokutya ukuba aye kumthathela ela gqabi babedlule kulo endleleni. Uyaphumelela kuMvolofu, amenze intlekisa kodwa akaphumeleli kwixhoba lesibini elinguMfene. UMfene uyambhaqa ukuba wenza izimuncuncu naye aziphathe. Uthi akuvela neqhinga legqabi, uMfene aliqhawule kwangoko ahambe nalo. Akuthi makayothatha ugqabi, ulithi rhuthu amnike, akaphumeleli uDyakashe kweli tyeli.
- UDyakalashe akanyanisekanga, usoloko ebabhanxa abanye, wakha ubuhlobo obungebubo nabanye abalinganiswa abacinga ukuba bangabahlobo bakhe, uMvolofu noMfene. Akaphumeleli namaqhinga akhe kuMfene kuba uziphathela okwakhe ukutya xa eqhala izinto ezimnandi naye uyaqhala. Xa bephakelwa ebukhweni uthi rhuthu igqabi amnike atsho atye naye xa kutyiwa uMfene. Eli linge lokumenza intlekisa uMfene liwe phantsi, aliphumelelanga wapheta ephoxeka uDyakalashe.
- Ukunyaniseka kukaNolizwe oyinkosikazi yakomkhulu kwaSandile kumenza aziwe ngemisebenzi emihla yokukhusela amaRharhabe. Uyathandwa ade anconywe ngabantu besizwe sakhe kuze oko kumenze umfazi ozenzo ziphuhlisa impumelelo.
- Kwisibongo ubizwa umalusi. Oku kubizwa umalusi sisibongo bubungqina bemisebenzi yakhe yenyaniso. KwaXhosa umalusi ubalulekile kuba umhlambi wonke wekhaya uxhomekeke kuye. Loo nto ifuna umntu onomqwalasela nonyanisekileyo. Angabizwa umalusi uNolizwe loo nto ibonisa impumelelo yakhe ekuhoyeni abantu besizwe sakhe.

Thank you for choosing www.ecexams.co.za to download examination documents.

- Ukunyaniseka kwakhe kuphuhliswa yintembeko eveliswa ngokuthi umbongo umkwekwe ngokumbiza ngenkomo eyimazi, oko kusizobela umfanekiso wokubangumama kubantu besizwe sakhe. Sithi ukwangumalusi loo nto iphuhlisa ukuba akapheleli ekubeni nguNozala koko uphinda ajonge nendlela abaphilangayo ngayo abantu besizwe sakhe. Ukululama luphawu oluhamba nokunyaniseka nokuthetha kamnandi nabantu bakhe. Ezi zenzo zimenza athandwe, anconywe ngabantu bakhe. Bayalonwabela igalelo lakhe, ulonwabo lwabo lukhokelela kumanyano nenkqubela esizweni sakhe.
- Ukunyaniseka kwakhe kuyanconywa, kuneziqhamo ezihle. Ungumama ongabalahlanga abantu bakhe nesizwe sakhe akufelwa ngumyeni wakhe. Unesakhono sokongamela, akhusele amaRharhabe.Ulixhadi nethemba lesizwe samaRharhabe uNolizwe. Isimilo. Izenzo zakhe zokunyaniseka zisityhalela empumelelweni isizwe sakhe.

(Nayiphi na impendulo echanekileyo.) **[25]**

UMBUZO 13: (UMBUZO OMFUTSHANE)

***UBUNCWANE BONCWADI LWEMVELI* – MMI SWANA NABANYE**

13.1 Sisiqalo sentsomi. √ (2)

13.2 Atyhila ukuba bakho abazali abangabathandiyo abantwana babo, ababacalulayo./ Abazali ababathandi ngokufanayo abantwana babo. √√ (2)

13.3 Uzotywe wangumlinganiswa ongenantliziyo ilungileyo √ kuba uphatha kakubi usisi wakhe kuba enesiphene ngokwendalo. √√ (2)

13.4 Kukubethelela / ukugxininisa uluvo lokuba yayinde kakhulu indlela awayeyihamba. √√ (2)

13.5 Azise ukunyibilika kwentliziyo kaDeliwe √√ / amzisela ukutha kwentlungu uDeliwe kuba naku encuma eyeka ukulila. √√

(Nayiphi na kwezi.) (2)

13.6 Ndiyasichasa akulunganga ukungamthandi umntwana kuba angaphetha ezibulala. √ / Ndiyasichasa esi senzo kuba umntwana angalikhalala ikhaya ahlale esitalatweni √ / umntwana angaphelelwa kukuzithemba. √

(Nasiphi na isibini esichnekileyo.) (2)

13.7 Imfundiso endiyifumana kule ntsomi yeyokuba masibathande abantu abaneziphako zokukhubazeka √ kuba nabo baneemvakalelo, bayakhathazeka xa bengahoywanga. √ (2)

13.8 Yinyanga yokwalusa amakhwenkwe kubalwa ngayo iminyaka yobudoda. √√ (2)

13.9 Kuvulwa ngesikhahlelo, A Silimela! √ /Imbongi isebenzisa uphindaphindo √ Kubongwa inyanga yesiganeko ngokwesiko kakwaXhosa √ / Kulandwa umnombo kuthiwe uNopasi yintombi kaMon' umhlophe. √

(Nasiphi na isibini.) (2)

Thank you for choosing www.ecexams.co.za to download examination documents.

13.10 “Kulapho yaqala khona ukugagana”. √√ (2)

13.11 Kukugxininisa / kuqaqambisa ubomi obutsha bobudoda abangena kubo. √√ (2)

13.12 Siyahambelana √ kuba isihloko sithi, Isilimela! umxholo uthetha ngenyanga yeSilimela ekubalwa ngayo iminyaka yobudoda kwaXhosa. √√ (3)
[25]

AMANQAKU ECANDELO B: 25

Thank you for choosing www.ecexams.co.za to download examination documents.

ICANDELO C: IDRAMA

UMBUZO 14: (UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI)

BUZANI KUBAWO – WK TAMSANQA

- Apha ngezantsi sisikhokelo sokuphendula esi sincoko, sisebenzise njengesikhokelo kuphela.
- Mazamkelwe iimpendulo ezahlukileyo nezichanekileyo ezibonisa ubungqina bokucinga nzulu nokutolika ngendlela eyahlukileyo.
- Uluhlu lwemizekelo lunokusetyenziswa ukuxhasa izimvo zabo.
- Jonga kwirubrikhi ekwiphepha lama-28 ukuhlola lo mbuzo.

Umviwa angachankcatha kwezi ngongoma zilandelayo xa etyhila imigungqo eyenziwe ngabalinganiswa abangqonge uGugulethu ukutshabalalisa iminqweno yakhe:

- UGugulethu uvezwa ngumbhali elityendyana lomfana oze ngobuso ezweni, onambitha impilo yobufana bakhe. Unothando olwendeleyo kwintombi awayefunda nayo eBly, enguNomaMpondomise. Ukungavunywa kwakhe yile ntombi kumbeka kumeko yoxinzelelo de ayibike kuMzamo ukholwane lakhe le meko yakhe. Bayancedisana xa bedibana nayo le nzwakazi emtshatweni, ithembise ngokusiphendula isicelo sikaGugulethu.
- Impendulo yesicelo esiluvumayo uthando lukaGugulethu ifika ngexesha kuxulushwa umcimbi wokuzeka kwakhe. Intliziyo kaGugulethu ibaseGcibhala, ingakumbi xa esiva amazwi kaZwilakhe uyise othe kuye akayontanga yakufunzwa. Akaphozisi maseko unyuka nengalo kule ntombi, enomnqweno wokuchitha ubomi bakhe bonke nale ntombi kalangeni. Bayavumelana noMzamo ngale mbono yakhe.
- Kubizwa intlanganiso yamaHlubi kuza kuchotshelwa lo mcimbi yokuzeka kukaGugulethu. Iyaqhawuka ibhobhile akuvela naluvo lumbi uZwilakhe lokuba uza kuzekelwa intombi kaMcothama. Ngenxa yamanyathelo asele ewathathile uGuguletu okuthembisa uNomaMpondomise ulukhaba ngawo omane uluvo lukayise. Ukungqongwa kukaGugulethu ngumlinganiswa onguZwilakhe kuyalitshabalalisa iphupha likaGugulethu lokutshata uNomaMpondomise.
- UGugulethu ucela umcimbi wokubona umfazi uyekelwe kuye. Yena uze ngethemba lokuba uza kunikwa ithuba lokuveza olwakhe uluvo ukuze athi thaca intombi kaLangeni emphandlileyo. Ngelishwa uyise uzalela endle akazimisele kumamela zimvo zikaGugulethu kulo mcimbi.
- Uyaphinda azame ukumcenga uGugulethu uyise emthutha ngeziduko kodwa utsho kwinkqantosi, engazimisele kucengeka.
- Izimvo zikaZwilakhe zidala iyantlukwano kwakumaHlubi kuba uZweni noMthetho bahambisana neminqweno kaGugulethu, bebonisa ingozi yokunyanzelisa umntu nomntu angamthandiyo kuba amaxesha ngamanye, isiko lokubonela liphelelwe lixesha.
- UGugulethu ubhenela kwimo yoqhankqalazo, ngelithi ayingomfazi wakhe lo baza kumthatha ngowabo. Uthi yonke into ebuzwayo mayibuzwe kuyise.

Thank you for choosing www.ecexams.co.za to download examination documents.

- UZwilakhe wenza isibhambathiso noMaGaba, eqinisekisa uMaGaba inkosikazi yakhe ukuba akasayi kuphambuka kwisibhambathiso asenze naye sokuzekela uGugulethu uThobeka, intombi kaMcothama, enconywa nefunwa nguMaGaba ukuba ize kurhuqa amajalimane apha kwakhe. Uzotywa abe ngumlinganiswa olandele igama lakhe oneenkani, ufuna kugqube ilizwi lakhe lodwa. Akayise so iimvakalelo zikaGugulethu Ume kwinto ethi ulandela lisiko lokubonela. Uncamathele kwizimvo zikaMaGaba kuphela, uGugulethu, abaninawa bakhe noMzamo umhlobo kaGugulethu kuquka nomfundisi obetshatisa ecaweni uGugulethu akabamameli. Ezi nkani zakhe zimkhupha kwisiphelo esihlasimlisa umzimba.
- UGugulethu uyaluveza uluvo lwakho lokuba akayifuni le ntombi anyanzelwa ngayo yaye akasayi kuze aphinde athi uyayifuna. Uyikhaba ngawo omane uGugulethu le ntombi ifunwa nguyise nonina. Yena ukholelwa ekubeni atshate nomntu amthandayo. Kunjalo uyise, uZwilakhe uyanyanzelisa ukuba makazekelwe le ntombi kaMcothama unyana wakhe.
- UGugulethu ufikelele kwimeko yoqhankqalazo, uthi makubuzwe kuyise yonke imibuzo ebuzwa kuye. Ayimkhathazi le meko kaGugulethu uZwilakhe kuba akafuni kuzenza ixoki kuMaGaba. Kufika uMzamo kuGugulethu ukwimo engaqhelekanga yokungathi ushiywa zingqondo. Xa ebuza unobangela wolu nxungaphalo uthi, “Buzani kubawo”. Uyaphuma aye kubazali bakaGugulethu ngeenjongo zokubuza unobangela wale meko ingaqhelekanga kaGugulethu. Uyise uyamxelela ze yena Mzamo acebise ngelithi ngeyekwa athathe intombi akholwa yiyo, ayiveze into ethi ikho intombi ebesele eyixokisile. UZwilakhe akacebiseki kuMzamo. UMzamo umxelela ukuba isala kutyelwa sibona ngolophu. Ubanomsindo uZwilakhe agxothe uMzamo.
- Uyaqhuba nokuthatha amanyathelo okuthumela amaHlubi kwaMcothama. Kwintlanganiso equlunqa umcimbi wokuya kwaMcothama uyabuzwa uZwilakhe ukuba unyana ukhe wadibana na nentombi de kufikelelwe kwinto ethi makaye kumbiza uZweni. Ufika ejongise umetyiso phezulu, engamjongi nokumjonga xa athetha naye. Uthi akezi xa ebizwa. Akothuki sesi simo uZwilakhe uthi ubebathele nqa ukuba bambizelani. UZweni uyamcebisa kwakhona uZwilakhe, ebonisa iziphumo ezibi ezenziwa kukunyanzela abantwana beli xesha lokhanyo ngentombi angayifuniyo, akungacebiseki uyazikhupha, ezakhe izandla uyazihlamba kule nyewe yakwaZwilakhe, ngelithi abogawula ebheka.
- Kuthunyelwa uNyaniso noMthetho baye kucela ubulawu kwaMcothama.Ubuhlobo buyamkelwa nangona kukhe kwakho ukuthandabuza kuba intombi isithi ayazani nalo mfana.
- Ngemini yomtshato, Gugulethu uya eCaweni ebophe isandla abhala ngaso. Akavumi ukulandela amazwi kamfundisi. Uthi makubuzwe kuyise. Akubhideka umfundisi, uyamqweqwedisa uZwilakhe ukuba makaqhube angamhoyi. Kwakufikelele kwithuba lokuba asayine akasayini uGugulethu uthi wenzakele, uZwilakhe uyamsayinela.
- UNomaMpondomise uthenga iphephandaba, afumanise ukuba kubhubhe uMzamo xa bekutshata uGugulethu. Iyamothusa atsho esofelweyo isikhalo ekhombisa abazali bakhe ephepheni, ecela uxolo. Wothuswa kukutshata kukaGugulethu nenye intombi ekubeni yena ekhuphe iinkomo zikaMcunukelwa ngethemba lokungena kwezo zamaHlubi. Umangalela uGugulethu ngokophula isithembiso. Umantyi uyamgweba uGugulethu, uZwilakhe uyamkhupha ngemali. Uzeyelisela emlanjeni afe uNomaMpondomise noMaNyawuza, unina uyothuka afe.

Thank you for choosing www.ecexams.co.za to download examination documents.

- Isenzo sikaZwilakhe esiphenjelelwe nguMaGaba unina kaGugulethu sokunyanzela unyana wabo ngentombi angayifuniyo sense unyana walikhalala ikhaya. Emva komtshato uGugulethu utshipha eMthatha iminyaka eli-12. Ushiyeka uThobeka esanda ngaphandle koGugulethu de abenabantwana abathathu. UZwilakhe uthumela uNyaniso noMthetho baye kumphuthuma. Uyala ukubuya.
- Abaninawa bakhe ebebathumile bayamxelela ukuba ukavumi kubuya uGugulethu, UZwilakhe ugrogrisa ngokuthumela uThobeka nabantwana abangengabo abakaGugulethu kuGugulethu, Uyanqandwa nguMthetho esithi angakhe alinge ayenze loo nto. Akamameli utyhala ngesifuba ngelithi yena udikiwe kukondla abantwana benye indoda. Ulilisela ngelithi Thobeka akanalo nelincinci ityala kuba xa ebengatshiphanga uGugulethu ngekungenje. Bayazihlamba nezabo izandla baphume belandelana, uNyaniso noMthetho, besithi uZwilakhe uyamlinga noko uGugulethu, angade angcole yile nto amenza yona.
- Uthumela uThobeka nabantwana abathathu abangengobakaGugulethu eMthatha kuGugulethu. UGugulethu ubaxabela ngezembe bobane kubusuku bokuqala befikile. Uzisa kuBaleni ukuba makamqhube aye kumbambisa.
- Iziphumo zokungafuni kumamela mntu umchasayo uZwilakhe zibe kukufa kwemiphefumlo emininzi. Kufa uMzamo, uNomaMpondomise, uMaNyawuza, UThobeka nabantwana bakhe, uMaGaba noGugulethu ugwetywa intambo. UMaGaba obentlokothisa Zwilakhe efuna anyanzelise kuzekwe uThobeka uyazibulala ngetyhefu, akakwazi kumelana nesigwebo sentambo esinikwa uGugulethu ushiyeka elilolo kungasekho mntu ecaleni kwakhe.
- Imigungqo kaZwilakhe yokubulala iphupha likaGugulethu lokutshata umntu obemthanda ayilitshabalalisanga kwaphela kuba noxa egwetywe intambo kodwa ushiya umyolela wokuba umzimba wakhe uze ubekwe ecaleni kokaNomaMpondomise, intombi kaLangeni, imali yakhe eshiyekileyo kumalungiselelo omngcwabo ize isiwe kwaLangeni.

(Nayiphi na impendulo echanekileyo.) **[25]**

Thank you for choosing www.ecexams.co.za to download examination documents.

UMBUZO 15: (UMBUZO OMFUTSHANE)

BUZANI KUBAWO – WK TAMSANQA

ISICATSHULWA I

15.1 Ngumcimbi wokufuna umfazi. √ (1)

15.2 UZwilakhe umxelela ngokwakhe intombi amakayitshate ngoku angayifuniyo. √ / Akamvumeli uGugulethu ukuba atshate intombi ayithandayo √ / UZwilakhe akazithathi iingcebiso zamaHlubi ngoku abonayo ukuba afuna ukumkhalala √/ Uyamnyanzelisa uGugulethu ukuba atshate sele ezibophe isandla √/ Uyamsayinela ngokwakhe √/ uthumela uThobeka nosapho lwakhe kuGugulethu eMthatha enqandwa nguNyaniso noMthetho. √

(Nasiphi impendulo echanekileyo.) (2)

15.3 Abethelela ingcinga yokuba akasoze ajike kwinto ayithethileyo kuba uyakuba ngathi akananyani/ akanakujika kuba uyakuba ngathi ujikela isigqibo ebesele esenzile ngaphambili. √√

(Nayiphi impendulo echanekileyo) (2)

15.4 UZwilakhe uzimanye nentetho kaMaGaba yokuba uGugulethu makatshate noThobeka ngoku akakwazi ukujikela isigqibo sakhe noMaGaba. √√ (2)

15.5 Yimpixano yangaphandle, √ ngezimvo kubantu ababini √ / uGugulethu akavumelani / ungquzulana noyise ngomba wokuzekelwa uThobeka. √ (2)

15.6 UGugulethu umshiyile uThobeka emva komtshato waya kuhlala eMthatha √ / Uzale abantwana abathathu uThobeka abangengabo abakaGugulethu√/ UGugulethu unxibe iimpahla ezimnyama ezilele uNomaMpondomise angakhange atshate naye etshate noThobeka. √ / UGugulethu ubulala uThobeka akuthunyelwa kuye nosapho lwakhe. √

(Nasiphi na isibini kwezi.) (2)

15.7 UZwilakhe ngowexesha lakudala apho umfana ebebonelwa intombi emakayizeke kanti uGugulethu ngowexesha langoku apho umfana azikhethelayo intombi afuna ukuyizeka. √√ (2)

15.8 Kukuba uZwilakhe uziqondile ukuba nguye unobangela wokuba abe uzakuxhonywa uGugulethu kuba nguye omnyanzele ngokutshata noThobeka njengokuba uGugulethu embulele nabantwana bakhe nje. √√ (2)

15.9 Lo ukwesi sicatshulwa uyazisola, uyaziqonda ukuba ubhatyazile, ufuna isohlwayo ngokubhatyaza kwakhe, uZwilakhe ngexesha ezakuzela ukuba unyana wakhe athathe intombi kaMcothama unenkani akaphulaphuli mntu, ufuna kwenziwe intando yakhe. √√ (2)

Thank you for choosing www.ecexams.co.za to download examination documents.

15.10 Kukuba wayezimisele ukutshata nentombi kaLangeni enguNomaMpondomise ngoko ke usazithatha ngokuba ingumfazi wakhe le ntombi/ akafuni nto imnxulumanisa nekhaya lakhe kuba lilo elibangele ukuba abe kule meko. √√

(Nayiphi na impendulo echanekileyo.) (2)

15.11 Luqhwithelo kuba kwenzeke iziganeko ezoyikekayo, ezihambisa umzimba ezidlule nemiphefumlo engenatyala. √√ (2)

15.12 Ndiyangqina ukuba uZwilakhe ulilandele igama lakhe kuba uyacetyiswa ngamaHlubi akawamameli utyhala ngesifuba √/ akakwamkeli ukucela kukaGugulethu xa esithi ufuna ukutshata noNomaMpondomise ufuna kugqibele ilizwi lakhe. √ (2)

15.13 Kusetyenziswe intetho ngqo √ / abalinganiswa bayazithethela √/ Intshukumo zabalinganiswa zifakwe kwizibiyeli ukubonisa izalathiso zeqonga. √ (2)

[25]

UMBUZO 16: (UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI)

***INDLAL' INAMANYALA* – M. LAMATI**

- Apha ngezantsi sisikhokelo sokuphendula esi sincoko, sisebenzise njengesikhokelo kuphela.
- Mazamkelwe iimpendulo ezahlukileyo nezichanekileyo ezibonisa ubungqina bokucinga nzulu nokutolika ngendlela eyahlukileyo.
- Uluhlu lwemizekelo lunokusetyenziswa ukuxhasa izimvo zabaviwa.
- Jonga kwirubrikhi ukuhlola lo mbuzo.

Umviwa angachankcatha kwezi ngongoma zilandelayo xa etyhila ukuba abaligniswa abangqonge uMamQhinebe banefuthe efuthe ekutshabalaliseni iminqweno yakhe:

- UMamQhinebe unehlakani lakhe elinguMaGatyeni bafundisa abantwana babo nzima bethwalela abantu imithwalo erenkini. Banethemba lokuphumla xa bepasile abantwana babo, bafumana umsebenzi. Ukungqongwa kwakhe nguMaGatyeni abubanga nabuzaza eekuqalenu kuba yena ubemkhuthazela enkonzweni, ingxaki yakhe ikukucela intsilikihlana yemilimili kuMamQhinebe.
- Ithemba labo liyatshabalala xa bengafumani msebenzi abantwana babo, uSiqhiwu noSiphokazi begqibile ukufunda. Babhenela ekuphindeleni kumsebenzi uSiqhiwu awubiza ngokuba ngumsebenzi wobuxelegu, wokuthutha iimpahla erenkini kuba ikati ayisuki eziko.
- UMamQhinebe litshabalala mpela ithemba lakhe akufumanisa kwiintetho zikaSiqhiwu ukuba akazimiselanga kunyoba ukuze afumane umsebenzi. Uyibona iyinto efanelekileyo into yokunyobela umsebenzi nangona isisimbo sokwaphula umthetho. Uthi kuSiqhiwu, "Xa abanye abantu bewufumana umsebenzi ngokunyoba, yintoni enokubangela ukuba wena anganyobi?"

Thank you for choosing www.ecexams.co.za to download examination documents.

- Ukungakwazi kukaMamQhinebe ukuzeyisa kumenza abe sisisulu sokulukuhlwa nguDlezinye osebenzela uMagrazula. Kufika uDlezinye ozenze ixhego elithunywe nguThixo ukuza kumkhupha endlaleni. Uyayikholelwa yonke into ethethwa nguDlezinye kuba emthembisa ngobutyebi. Akabizi noMaGatyeni aze kummamelisa le nto ithethwa nguDlezinye, umgxotha okomshologu engafuni angene nasendlwini, umnika imilimili ngephepha layo,amvalele ngaphandle.
- UMamQhinebe uphekwa kwaBhaca enikwa umsebenzi omanyumnyezi wokuba iintsana azise khona, zibulawe kwenziwe amayeza. Uthi gabhu kurhwaphilizo esetyenziswa nguDlezinye noMagrazula. Urhwebesha uMaGatyeni, emgxagxamisa ukuba amncedise kumkhuba wokuba iintsana.
- Akubonakalisa ukungayiqondi le ndlela uMaGatyeni umgrogrisa ngelithi makabuyise zonke izinto ebefudula emnkinkqela zona zokutya. Siyamothusa esi simo uMaGatyeni kuba esithi sisenzo esingafanelaanga ukwenziwa ngoomama bebhatyi. UMamQhinebe umtyhafisa kuqhankqalazo lwakhe ngelithi baza kukhuthuka amadolo yena uluphumo kuloo nto yaloo bhatyi ingazi kumzisela mali. Uyoyela kulo mhadi uMaGatyeni noxa intliziyo yakhe ingavumi kuba akanandlela yokubuyisa izinto zikaMamQhinebe.
- Uqweqwedisa uMaGatyeni amfake kulo msebenzi, umthembisa ngobutyebi abaza kubufumana, batsho bathenge izindlu zodidi eNorth Crest konke oku kuphehlwe kukudibana kwakhe nomlinganiswa onguDlezinye osisicaka sikaMagrazula omqweqwedisele kwantshabalalo engaziqondi. Bamkhuthazele kulwaphulo mthetho, bebathuma ukuba bebe iintsana, loo nto iyenzamfiliba iminqweno yokubasisityebi umaMaQhinebe kuba ulwapulo mthetho kukhokelela entolongweni.
- Uqweqwedisa uMaGatyeni baqale ukuba usana lukaNoziphongo noMakwedinana, beluthatha kuPixie olugcinayo. Balusa kwaBhaca babuya nemali. UMagrazula uyambona uMaGatyeni ukuba akakhululekanga, ubuza kwisicaka sakhe esithembekileyo esinguMamQhinebe. Uphendula ngelithi uthundeza ubhityo, ukhangeleka ebhetyebhetye uMaGatyeni, inoba ufuna ukuqiniswa naye.
- UDlezinye encedisana noMamQhinebe uyamqinisa uMaGatyeni, akuwufeza umyalelo wokugabha nokuhlamba ngenqwebeba usiwa kuMagqwirh' ayaqhubana ukubhek'eBhijolo esizibeni balebele ngokusa ehlathini kuBantu-baza-kuthini, ehlathini. Ufumana isibindi ahambe ngezantya xa kuya kuba usana olulandelayo.
- Ubanomsindo uMamQhinebe xa uSiqhiwu efunda ephepheni ngomkhwa okhoyo wokubiwa kweentsana kodwa akazimisele kuwuyeka. Ungxolisa uSiqhiwu ngelithi makaphume nephetshana lakhe elimdaka angaphindi alibone apha kwakhe.
- Bayabona ukuba abantwana banomnqa ngale ndlela bayihambayo, bangade bakrobeleke. UMaGatyeni uza neqhinga lokuba mababaqhathe abantwana babo ngelithi bahamba eMzamba ngobusuku, imali bayifumana apho.
- NguMaGatyeni osel' eyintsholontsholo kulo mcimbi, ekhuthaza uMamQhinebe ukuba bahambe bayozingela ixhoba kwaLink. Babetha uNomakula ngehamile babeleke usana bahambe nalo. Usana aluthuli erenkini de amapolisa abakrobela babanjwa. Batyhola indlela ukuba inamanyala.
- Icebo likaMamQhinebe aza nalo lokuzabalezela ukuba babezezingawothiyo umlilo izityebi aliphumelelanga kuba babanjwe ngamapolisa besekwelo phulo lokuthuthela iintsana kuMagrazula kwaBhaca. Oku kubonisa ukuba akulunganga ukuzama ubutyebi ngeenyembezi zabantu.

Thank you for choosing www.ecexams.co.za to download examination documents.

- Iminqweno kaMaqhinebe idodotyaliswa ngumntwana wakhe, uSiqhiwu ochasene kakhulu lobuqhopholo. Yena akakhathali nokuba kunyotyiwe, ukuba uSiqhiwu uwufumene umsebenzi kugqityiwe kuye. UMagrazula noDlezinye abaveli ndawo ukuza kubakhulula njengangoko bebanjwa. Amapolisa ababambileyo bebeleke usana atsho kwamnyama thsu ngeminqweno yabo yokufumana indlu eNorth Crest.

(Nayiphi na impendulo echanekileyo.) **[25]**

UMBUZO 17: (UMBUZO OMFUTSHANE)

***INDLAL' INAMANYALA* – M. LAMATI**

ISICATSHULWA K

17.1 USiqhiwu ufumanise ukuba uMaqhikizane uyabakhetha abantu emakabahoye xa befika eofisini yakhe kuba uzibona engahoywanga nguMaqhikizane koko emphoxa efuna ukuba aphume eofisini yakhe. √/ Umbuza ukuba ungubani yena ukuba athethe olo hlobo naye √ / Uyamphoxa umbiza kumkani √/ Uthi inoba ulithumelo/ uthi angezi kumgezela eofisini yakhe √/ akanaxesha lezanya-mtya. √

(Nasiphi na impendulo echanekileyo.) (1)

17.2 Akaqeshelwanga ukuba abe nabantu angabahoyiyo abaphoxayo kuba besuka kumakhaya asokolayo. √√ (2)

17.3 USiqhiwu akaphathekanga kakuhle kuba akamkelekanga kule ofisi uyangxoliswa engekayithethi nento ayizeleyo. √ Uyashawutwa nguMaqhikizane ubizwa ngokuba yikwedini √ / Uyaphoxwa nguMaqhikizane ngokuthi ungukumkani unguMhlekazi. √

(Nayiphi impendulo echanekileyo.) (2)

17.4 Kubethelela ingcinga yokuba uMaqhikizane akabahloniphi abantu abangathathi ntweni. √√ / Uyabacalucalula abantu abafika eofisini yakhe. √√

(Nayiphi na kwezi.) (2)

17.5 USiqhiwu ufuna ukuqonda ukuba kutheni uThembinkosi eqeshwa kuqala kubo ekubeni ephume emva kwabo esikolweni. √√ (2)

17.6 Yimpixano yangaphandle √ UMaqhikizane ufuna ukunyobisa uSiqhiwu bayangquzulana ngezimvo kuba uSiqhiwu akakwamkeli oko. √ (2)

17.7 NguMaqhikizane oqeshayo ngoko ke ngumsebenzi wakhe ukuqinisekisa ukuba bonke abantwana bayaqeshwa ngendlela efanelekileyo. √ Ubacalucalula ngokobuhlwempu babo aqeshe abanemali kuphela. √ (2)

Thank you for choosing www.ecexams.co.za to download examination documents.

17.8 Kukungavani kukaMaqhikizane noSiqhiwu kuba uMaqhikizane efuna ukuba uSiqhiwu makanyobe ukuze afumane umsebenzi. √√ / UMaqhikizane ungumntu osebenza ngabantu abazizinhanha abakwaziyo ukumnyoba nto leyo edala umsantsa phakathi kwakhe noSiqhiwu. √√

(Nayiphi na kwezi.) (2)

17.9 Kukuba uMaGatyeni usoloko ecela kuye ukutya. √√ / Woyika ukuba awenze yedwa lo msebenzi wokuba iintsana ufuna umntu ozakumncedisa kulo msebenzi. √√ (2)

17.10 Kwesi sicatshulwa uMamQhinebe uliqhaji elithetha poqo, unyanzelisa umaGatyeni ukuba ngengomso mabaye kuba abantwana kanti ngomhla wokubanjwa kwakhe babuphelile ubuqhaji xa ebanjwa esisiwa Entolongweni. √√ (2)

17.11 Uthetha ukuba intliziyo yakhe ayivumi ukuba makangene kulo msebenzi √/ umoya wakhe awukwamkeli ukungena kwakhe kulo msebenzi

(Nayiphi impendulo echanekileyo.) (2)

17.12 Le ntetho ithetha ukuba imali ifuna umntu okhutheleyo osusa imiqobo embangela ukuba angawenzi umsebenzi oza kumzisela imali. √√ / Ayifuni mntu uligwala othandabuzayo xa kufuneka ewenzile umsebenzi. √√

(Nayiphi impendulo echanekileyo.) (2)

17.13 Kusetyenziswe intetho ngqo √ / abalinganiswa bayazithethela √ / lintshukumo zabalinganiswa zifakwe kwizibiyeli √ / –ukubonisa izalathiso zeqonga. √

(Nayiphi na kwezi.) (2)
[25]

AMANQAKU ECANDELO C: 25
AMANQAKU EWONKE: 80

Thank you for choosing www.ecexams.co.za to download examination documents.

ICANDELO A: IRUBRIKI YESINCOKO SONCWADI: ISIHOBE [10 AMANQAKU]

Imiqathango	Egqwesileyo	Esemagqabini neqaqambileyo	Eyanelisayo nefanelekileyo	Eyinxalenye	Engaphumelelanga
UMXHOLO Ukuhlalutywa kwesihloko, ubunzulu bengxoxo indlela azakuzela ngayo ingxoxo ukuwulandela kakuhle umhobe. **6 AMANQAKU**	**5–6**	**4**	**3**	**2**	**0–1**
	- Isihloko sitolikwe ngokunzulu. - Iingxoxo ezinomtsalane ezixhaswe ngokuvokothekileyo. - Kusetyenziswa isihobe. - Impendulo ibonisa ulwazi olugwesileyo lwesihobe.	- Ubonisa ukuqonda nokutolika kakuhle isihloko okanye umbuzo. - Impendulo inazo iinkcukacha ezanelisayo - Izimvo ezibambekayo zinikiwe nangona ingezizo zonke nje ezixhaswe njengoko bekufanelekile - Impendulo ibonakalisa ulwazi lwesihobe.	- Isihloko sitolikwe ngokwanelisayo. - Akho amanqaku axhasa isihloko kakuhle. - Ezinye iingxoxo zixhasiwe nangona ingezizo zonke ezixhaswe ngokwanelisayo. - Impendulo ibonakalisa ulwazi olusisiseko sesihobe.	- Ayanelisi indlela ekutolikwe ngayo isihloko/umbuzo - Anqongophele kakhulu amanqaku okuxhasa isihloko - Impendulo ibonakalisa ukuqhwalela kulwazi lwesihobe.	- Akanalwazi kwaphela ngesihloko - Impendulo ayikho mxholweni wesihobe. - Impendulo ibonisa ukulambatha kulwazi lwesihobe.
	4	**3**	**2**	**1**	**0–1**
ISAKHIWO NOLWIMI Isakhiwo, ukuthungelana kwezimvo nendlela yokubhala. Ulwimi ithoni nesimbo sokubhala isincoko **4 AMANQAKU**	- Isakhiwo siyathungelana. - Ingxoxo ixongxwe kuhle kwaye zikhuliswe ngokugqwesileyo nangokucacileyo - Ulwimi ithoni, nesimbo zivuthiwe, zinomtsalane zichanekile - Igrama, upelo neziphumlisi azinaziphene kwaphela.	- Isakhiwo sicacile kwaye ingxoxo iyathungelana - Ukuthunegelana kwengxoxo kuyalandeleka. - Ulwimi, ithoni nesimbo zichanekile ubukhulu becala.	- Bukho ubungqina besakhiwo - Isincoko sibonakalisa ukusilela kukuthungelana nokunamathelana - Kwezimvo. - Iziphene zolwimi zimbalwa, ithoni nesimbo sokubhala zichanekile ikakhulu.	- Isakhiwo sibonakalisa iziphene zoyilo. - Ingxoxo ayicwangciswanga ngokukuko. - Bukho ubungqina beziphene zolwimi. - Ithoni nesimbo sokubhala azichanekanga.	- Isakhiwo sife amanqe - Iziphene zolwimi ezingamkelekanga konke konke nesimbo esingachanekanga

QAPHELA: Ukuba umviwa akawuchaphazelanga nakancinci umxholo, ubhale nje isincoko makanikwe i-0 kumxholo, isakhiwo nolwimi.

Thank you for choosing www.ecexams.co.za to download examination documents.

ISIHLOMELO B: AMACANDELO B NO C: IRUBRIKI YOKUHLOLA ISINCOKO SONCWADI- INOVELI UNCWADI LWEMVELI NEDRAMA [25 AMANQAKU]

Imiqathango	Egqwesileyo	Esemagqabini neqaqambileyo	Eyanelisayo nefanelekileyo	Eyinxalenye	Engaphumelelanga
UMXHOLO	**12–15**	**9–11**	**6–8**	**4–5**	**0–3**
15 AMANQAKU	-Impendulo igqwesile. 14–15 -Impendulo ebalaseleyo. 12–13 -Ukutolikwa okunzulu kwesihloko -Iingxoxo ezinomtsalane ezixhaswe ngokuvokothekileyo kusetyenziswa uncwadi. -Ukuqonda okubalaseleyo kwejenre netekisi.	-Ubonisa ukuqonda nokutolika kakuhle isihloko okanye umbuzo. -Impendulo inazo iinkcukacha ezanelisayo. Izimvo ezibambekayo zinikiwe nangona ingezizo zonke nje ezixhaswe njengoko kufanelekile. -Impendulo ibonisa ulwazi lwejenre netekisi.	-Impendulo iphakathi, asiyiyo yonke imiba ekungenwe kuyo nzulu. -Akho amanqaku asixhasa ngokufanelekileyo isihloko -Ezinye izimvo zixhasiwe kodwa ubungqina abusoloko busamkeleka. -Ulwazi lwejenre/netekisi alugqibelelanga.	-Buncinane ubungqina obubonakalisa ukusazi isihloko yaye kunqabile ukungena nzulu kwimiba ekubhalwa ngayo. -Ambalwa amanqaku axhasa isihloko. -Iimpendulo ezichanekileyo zimbalwa kakhulu. -Luncinane ulwazi ngejenre netekisi.	-Buncinci kakhulu ubungqina obububo ukuqonda isihloko. -Iimpendulo zisilele kakhulu ukuphendula umbuzo. -Izimvo zibekwe ngendlela engacacanga konke konke. -Alukho kwaphela ulwazi lwejenre netekisi.
ISAKHIWO NOLWIMI	**8–10**	**6–7**	**4–5**	**2–3**	**0–1**
10 AMANQAKU	-Isakhiwo siyathungelana. -Intshayelelo nesiphelo esigqwesileyo. -Ingxoxo yakheke ngokufanelekileyo yaze yakhuliswa ngokucacileyo -Ulwimi, ithoni nesimbo sokubhala sivuthiwe, sinomtsalane, sichanekile.	-Isakhiwo sicacile kwaye ingxoxo iyathungelana kakuhle. -Intshayelelo nesiphelo kunye nemihlathi zicwangciswe ngendlela edala uthungelwano. -Izimvo zithungelana ngokuchanekileyo. -Ulwimi, ithoni nesimbo sokubhala sisetyenziswe Ngokuchanekileyo ikakhulu.	-Bukho ubungqina besakhiwo obungagqibelelanga. -Unamathelelwano nothungelelwano lwezimvo lukho, kodwa kukho iziphene. -Zikho iziphene zolwimi ezithile, ithoni, nesimbo sokubhala sichanekile ikakhulu. -Imihlathi ichanekile ikakhulu.	-Isakhiwo sibonakalisa iziphene zoyilo. -Izimvo azithungelelani kakuhle. -Iziphene zolwimi ziyabonakala. -Ithoni nesimbo sokubhala asichanekanga. -Imihlathi ineziphene.	-Ukungabikho koyiloo kwenza ukuba kungabikho thungelelwano lwezimvo. -Iimposiso zolwimi nesimbo sokubhala esife amanqe kwenza ukungavakali kokubhaliweyo. -Ayichanekanga ithoni nesimbo sokubhala -Ulwakhiwo lwemihlathi ludlakadlaka.
AMANQAKU	**20–25**	**15–18**	**10–13**	**6–8**	**0–4**

QAPHELA: Ukuba umviwa uwutyeshele ngokupheleleyo umxholo, suka wabhala isincoko esiya sephepa lesithathu, mnike u-0.

Akuvumelekanga ukufotokopa eli phepha

Thank you for choosing www.ecexams.co.za to download examination documents.